ISIXHOSA SECOND LANGUAGE HG NOVEMBER 2006

Huntshu zititshala ngomsebenzi omhle eniwenzayo wokulungiselela niqhelisa nikwaqeqesha abavavanywa ukuba benze konke okusemandeleni abo ukuphumelela uviwo lwabo lokugquibela esikolweni. Nakulo unyakakubonakele ukuba iititshala zisazinikele ngokuphellelyo futhi ziyabaxhobisa abavavanywa, ze ningabi sayeka.

Kwelalo nyaka iphepha kuphawuleke ukuba phantse zonke izikolo zililungiselele icandelo A lephepha. Inkoliso yabavavanywa benze kakhule abanye de baphnatse ukugqwesa. Icandelo D nalo lizanywe sisixa esikhulu sabacanaywa futhi kukhangeleka isaziwa ikwathandwa incwadi. Akukhange kubekho zingxaki zingako nakwabo bazikhethele icandelo B no-C.

Ndwana nje sifuna ukuyiveza kukuba iititshala mazizame ngangoko zinako ukufundisa abavavanywa ngobume bephepha lokuphela konyaka ngakumbi ukuba beblandela enye indlela yokuseta. Kaloku kwelokuphela konyaka iphepha kukho amacandelo amane, uvananywa ulindelke ukuba aphendule amacandelo amabini. Loo macandelo mabini kunyanzelekile ukuba ibe ngalawo aneencwadi ebezifundiswa unyaka lo wonke. Ibaluleke kakhulu ke le ngongoma kuba, ukuba umvavanywa akayilandelanga wazibona ephnedula icandelo elinencwadi ebengayifundi kulo nyaka uyakukorekishwa loo mpendulo ivele kuqala yencwadi angayazi kakuhle ze ingajongwa nokujongwa impendulo eyongezelelelkileyo ZODENDO, icandelo B ukuba ubufunde LIBEHLE LITSHONE, icandlo C xa wenze HLOMALA AMATHUNZI ANABILE, icandelo D xa ufunde UMAFUNGWASHE. Kumbula mabini kuphela amacandelo aphendulwayo lilinye linamanqaku angama-40. Into ephawulekileyo kulo nyaka nanjengakunyaka ophelileyo kusekho abavavanywa abaphendula nje kwambuzo ukwiphepha lemibuzo ngokwendlela elandelelana ngayo ephenpheni bengaqwalaselanga ukuba kubuzwa eyiphi incwad. Ingxaki ngalo nto uthi efika kumbuzo afanele ukuwuphendula abe sele engenaxesha laneleyo angagquibi ke ngaku. Kodwa ke eyona ngxaki inkulu isekungabonisini ukuba uyawuyeka umbuzo othile ngokuwucima. Loo nto ithethe ukuba kwakukorekishwa lo awubhale akawugqiba ukwincwadi angayaziyo ungajongwa nokujongwa lowa ebefanele ukuba uwuphendule kuba eyenzile incwadi.

Enye indawana nje esinga ningayiqwalasela kukufundisa yonke into kwezi ncwadi. Abafundi kunyanzelekile ukuba babonise ulwazi lwencwadi yonke. Mabangaxhomekeki kwisicatshulwa kuphela.

Mabasazi isimo sentlalo, abalinganiswa kwanolwimi olusetyenziswayo kwnicwadi leyo. Bacciseleni ngamaqhalo nezaci asetyenzisiweyo olusetyenziswayo kwnicwadi leyo. Bacaciseleni ngamaqhalo nezaci setyenzisiweyo kwincwadi abazifundayo, mabazazi itithethentonye nezichasi. Okokugqibela mabapele ngokukuko, basebenzise izivumelanisi ezifanelekileyo kwaye babhale ngesiXhsosa qha hayi ngesiZulu okanye nayiphi na intetho nje yasesitratweni. Siyathemba ke ukuba kuunyaka ozayo umvavanywa oqhuba kakubi uyakube ingxaki isekungazini incwadi leyo ibuziweyo hayi ukungakorekishwa kwempendulo ayiveze emva kwengafanelekanga. Mbababhale isiXhosa kakuhle.